Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**2021**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 Iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-30.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

   ICANDELO A: Inoveli (35)
   ICANDELO B: Idrama (35)
   ICANDELO C: Amabali amafutshane (35)
   ICANDELO D: Isihobe (35)

4. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| | | |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 9 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 16 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 20 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Ndakuyicela ivuthiwe' | 18 | 24 |
| | | |
| 6.2 'Itutu laseTikitiki?' | 17 | 26 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'IDyunivesithi iFort Hare' | 18 | 27 |
| | | |
| 7.2 'Indoda yokwenene' | 17 | 29 |

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*)<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Ndakuyicela ivuthiwe')<br>('Itutu laseTikitiki?') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('IDyunivesithi iFort Hare')<br>('Indoda yokwenene') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO A: INOVELI**

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

'Wethu akukho lifa lakha lathengiswa abantu balo bekho. Phulaphula ndikuxelele mna mntu uyiphandileyo le nto. Laa msuthu uMosia lo wafumana le venkile kuvakala ukuba akazange abe namaphepha asisiqinisekiso sokuba wayithenga ngokusemthethweni.'
'Uyazela phi loo nto wena?'
'Musa ukundingxamela SekaMalungisa. Ikho into ethi wayifumana ngomgunyathi bedibene notatomncinci uSondlo. Ngenxa yokuba uMosia wayenemali, waqhatha utatomncinci wamseza notywala kwenziwa izigqibo. Abantu abaninzi kuthiwa utatomncinci wayehamba ebaxelela ukuba uyithengisile, nanjengoko nathi sisazi loo nto.'

'Awu, kanti kunjalo?'
'Usabuza wena,' itshilo imazi.
'Ingenzeka njani, mfazi, into yokuba ivenkile ibe seyikwaNtsibande kanti ngumgunyathi?'
'Kudala ndikuxelela ukuba abanye abantu abamathanga njengawe lo. Kuba nangoku sekude kube yile nto nje wawumele ukuba unenxaxheba kule venkile ukwenzela ukuba iwele kuwe kwakuqala. Iindaba ke thina siyazifumana koomabhalana. Nangoku ukuba unokuya kuThamsanqa ufike ubize iincwadi zale venkile akasoze akunike.'

'Hi Nozililo, uqinisekile ngale nto uyithethayo? Uthetha ukuthi kanti sihleli nje siphise ngelifa lakwaMakhwetshu kula mahlwempu akwaNtsibande?'

'Kanye nqo. **Yile nto ndihlala ndiyithetha yonke le mihla, uyithathe kancinci**.'
'Ke siza kuyithini le nto?'
'Khawukhe uye kuThamsanqa uye kufuna iincwadi zayo. Ukuba uzifumene siza kubakho isandla sikatatomncinci. Andithi uyasazi?'

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.1.1 Xela ukuba yintoni eyenza ukuba uMosia ayithengisele uLungile le venkile kuthethwa ngayo kwisicatshulwa. (1)

1.1.2 Khankanya ibeMIBINI imizamo kaNtongana yokuba le venkile ingafunyanwa nguLungile. (2)

1.1.3 Ingaba kwabanjalo oku kuthethwa nguNozililo kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.4 Chaza ukuba isityhilela ntoni ngoNozililo intetho yakhe ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

1.1.5 Nika isizathu sokuba uNtongana asebenzise igama 'ngelifa' elikwisicatshulwa xa athetha ngale venkile. (2)

1.1.6 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zingezantsi. Intetho ekwisicatshulwa ethi 'Khawukhe uye' ibonisa ukuba kusetyenziswe ulwimi …

A oluchukumisayo.
B oluqhathayo.
C oludlelelelayo.
D olucengayo. (1)

1.1.7 Kutheni uNozililo esithi kuza kubakho isandla sikatatomncinci wabo kodwa ivenkile ithengwe kuMosia? (1)

1.1.8 Kubeluncedo njani kusapho lwakwaNtsibande ukuzisa kukaNomakhwezi uYolisa emzini wakhe? (2)

1.1.9 Chaza ukuba izalana njani le ngxoxo ikwesi sicatshulwa nesiganeko sokubhubha kukaLungile noNomakhwezi. (2)

1.1.10 Cacisa ukuba bumtshabalalise njani uNtongana ubukho bukaNozililo ebomini bakhe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Okwenziwe nguNozililo. (1)

(b) Oko kwakholela njani ekutshabalaleni kukaNtongana. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2 **ISICATSHULWA B**

> Uthe akumthi krwaqu uMpumelelo lo mntu kwathi nyaka kuba le nto uyithathe njengendelelo. Ubengathi akananzi koko waqhuba edanisa nentombazana. 'Tyhini, ngumntu otheni na lo uyeka amantombazana engaka aze kundiphazamisa? Khona kukuthini ukuza phakathi kwabantu umntu enganxibanga kakuhle?' uzibuzele uMpumelelo.
>
> 'Musa ukuzikhathaza wena, bhuti, ngezi zikoli zingenambeko. Kakade yena selesithi ufuna ukudanisa nam nje akababoni abantu abamfaneleyo? Uze ungavumi bhuti wam nokuba selesithini, udanise uyeke apho uthande khona,' uphendule uLizzie.
>
> 'Kulungile, nkosazana.' Baye baqhuba bencokola.
>
> Ngeli xesha bancokolayo, lo guluva unguZet ubagadile. Uye wayiqaphela le nto yokuncokola kwabo nokungayeki ukudanisa, kwathi nyaka isikhwele. Uye wee phinye phinye hexe hexe wabuya waza kuthi gqi phambi kwabo akathetha, koko wathi xhiphu uLizzie wamdudula. Iye yamcaphukisa noLizzie le nto.
>
> 'Hayi man Zet wenza ntoni …?'
> 'Heyi, wena, Lizzie, uyangibuza usazi? Manje yimina i-ou yakho neh. You do what I like. Mina ngizodansa phela nawe lo,' yatsho le nkabi <u>intsangu ijikeleza entloko</u>. UMpumelelo ngokucaphuka uye walithabatha kwakhona kuba igazi lobutsha liye lafudumala nakuye, wayithatha njengempoxo into yokohluthwa umntu ngesinje sona isimenyo. Kuye konakala ukuhlala.

1.2.1 Xela unobangela wokuba kwenziwe lo mdaniso kuthethwa ngawo kwesi sicatshulwa. (2)

1.2.2 Ithetha ukuthini le ntetho, 'Ubengathi akananzi' ngokwakwisicatshulwa? (2)

1.2.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba uLizzie wayengafanelananga noZet? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.4 Ngqina ukuba umlinganiswa onguMpumelelo unazo ezi mpawu zilandelayo kule noveli:

(a) Ubukhali bengqondo (1)

(b) Ubugorha (1)

1.2.5 (a) Chaza indlela ekwenza uzive ngayo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(b) Nika isizathu sempendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (1)

1.2.6 Yintoni le uMpumelelo angayaziyo ngoLizzie njengokuba ade amlwele kuZet? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2.7 (a) Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa, 'igazi lobutsha liye lafudumala nakuye' xa kubhekiswa kuMpumelelo. (2)

(b) Ukuvela kwelinye icala lesimo sikaMpumelelo kule noveli kubonisa ukuba ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva). (1)

1.2.8 Nika imfundiso eziswa yile noveli. (2)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

'Arh, maan Lulu,' litshilo irhoboqwana elinguEddie lincume kade: 'ULinda akayi eRio. Usisigulana apho akhoyo. Ufunyenwe yilaa ngqele uyaziyo nawe. Ngaphaya koko undinikile nemvume yokuba ndiphume nawe.'

'Dyakalashendini! … Ucinga angathi uLinda enobukhwele kangaka athi phuma nam?'

'Funda nantsi incwadi yakhe,' watsho uEddie egibisela laa ncwadi ebeyifumene kuLinda emini. Kuthe cwaka uLulu eyifunda.

'Simangandini!' Ukhuze watsho akuyigqiba: '<u>Kutheni ngathi uLinda unolwazi analo nje ngento eqhubekayo phakathi kwam nawe</u>?'

'Suk' apha!' Ubhebhethe ngelo uEddie omaqhinga kakhulu-selehleka: 'Akazi nento le uLinda bubusuku obungenanyanga kuye, yiva mna lo. Ebezama ukuqhula mna ngale ncwadi. Bendincokola naye ngomnxeba phambi kokuba ufike. **Uthe akuphinda avuse le nto, nam ke ndazenza lowo ungayithandiyo**.'

Uhlukuhle intloko uLulu wathi, 'Wena Eddie! Udlala nje ngeengqondo zamabhinqa. Yintoni ndikhange ndibize intlanganiso yaso sonke esi sizwe samabhinqa, ndisinike le ngqondo yam ngawe.'

'Ngqondoni kanene Lulu?'

'Eyokungalubhedeshi kakhulu uthando lwakho.'

Uyihleke kakhulu uEddie, wathi: 'Unyanisile kodwa Lulu. Umntu akufunekanga azimisele kakhulu apha eluthandweni, ngakumbi esemtsha. Uthando olu lufana nomdlalo. Umdlalo ke awufuni kudlalwa ngabantu ababini kuphela ekukhona bebaninzi, kukhona ubalaselayo ngobumnandi.'

'Kowu!' Ukhuze watsho uLulu: 'Kuthetha udlalani wokwenene. Ndiyamvela uLinda.'

2.1.1 Xela ukuba yintoni eyenza ukuba uLinda angahambi noEddie ukuya eRio ngale mini. (1)

2.1.2 Khankanya zibeMBINI iindidi zonxibelelwano uLinda awudlulise ngazo umyalezo kuEddie wokuba akayi ebhayaskophu. (2)

2.1.3 Ingaba kunjalo oku kuthethwa nguLulu kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho ngokwasencwadini. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.1.4 Chaza ukuba isityhilela ntoni ngoEddie intetho yakhe abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

2.1.5 Nika isizathu sokuba uLulu asebenzise igama 'eyokungalubhedeshi' elikwisicatshulwa xa athetha ngothando lukaEddie. (2)

2.1.6 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zingezantsi. Intetho ekwisicatshulwa ethi, 'Umntu akufunekanga azimisele kakhulu eluthandweni … ngakumbi esemtsha' ibonisa ukuba kusetyenziswe ulwimi …'

A oluchukumisayo.
B oluqhathayo.
C oludlelelelayo.
D olucengayo. (1)

2.1.7 Kutheni uLulu esithi uyamvela uLinda? (1)

2.1.8 Kubeluncedo njani kuphando lukaHlobo ukudibana kwakhe noJoe Bumba emzini wakhe? (2)

2.1.9 Chaza ukuba izalana njani le ngxoxo ikwesi sicatshulwa nesiganeko sokubanjwa kukaLinda. (2)

2.1.10 Cacisa ukuba bumsindise njani uLinda ekutshabalaleni ubukho bukaDuma Hlelo ebomini bakhe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Okwenziwe nguDuma Hlelo. (1)

(b) Oko kwakholelela njani ekuncedakaleni kukaLinda. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2 **ISICATSHULWA D**

> Kwakucacile ukuba isithethi siwuhlabile umxholo wento eyayifunwa ngababaphulaphuli baso kuba babengagungqi nokugungqa – ngaphandle nje kokumana benqwala iintloko.
>
> UHlobo akabonanga namnye othe wabheka ekungeneni kwakhe. Yaba sisithethi sodwa esambonayo- naso kuba sasijongene nomnyango awayengena ngawo. Asimnanzanga nganto. Sayiqhuba intetho yaso singanqumamanga, singaguqulanga nelizwi, kungabanga kho nekhefu ebonakalisa ukuba siphazanyiswe yinto.
>
> 'Lo mbutho,' yayidwekesha isitsho le ndoda ngelizwi elinesingqala, kanye ekungeneni kwakhe uHlobo: 'ufanele ukulila esimantshiyane ngokushiywa kwawo nguMnumzana uMaga, uEddie ngokwendlela ebesiqhele ukumbiza ngayo thina apha.'
>
> 'Siya kusoloko simkhumbula ngezo ziphiwo zakhe ziqaqambileyo – ubukhali bengqondo, ukuthanda kwakhe inyaniso nokuthiya kwakhe intw'embi, igorha lenene, indoda ebifanelwe liwonga lokongamela lo mbutho nangona ibilula ngeminyaka. Siya kusoloko sisithi xa simkhumbulayo sibe sikhumbula eyona yona ntsika yalo mbutho nenye yamadoda abenenxaxheba enkulu ekukhuliseni lo mbutho ukususela ebusaneni bawo.'
>
> Isula ubuso obabuse buyingxangxasi kukubila, ihambise yathi le ndoda: 'Ndinethemba lokuba umongameli wethu omtsha, uMnumzana Mdoda, uya kungena tshwa kuloo ngubo ebeyambethe umfi, afaneleke kuyo naye njengomniniyo. Umsebenzi obekwe emagxeni enkosi le yethu intsha awundlwan'iyanetha. Kungakumbi ke xa iwuthabatha ubusezandleni zesikhuthali esinjengeso besisoloko siwuthwele.' Idume yonke indlu. NokaHlobo uzibone sel'eqhwaba njengabanye.

2.2.1 Xela unobangela wale ndibano iqhubeka apha kwisicatshulwa. (2)

2.2.2 Ithetha ukuthini le ntetho, 'asimnanzanga nganto' ngokwakwisicatshulwa? (2)

2.2.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba kunyanisiwe xa kuthiwa umbutho i*Moonglow* ufanele ukulila esimantshiyane ngokushiywa kwawo nguEddie? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.4 Ngqina ukuba umlinganiswa onguEddie unazo ezi mpawu kule noveli:

(a) Ubukhali bengqondo (1)

(b) Ubugorha (1)

2.2.5 (a) Chaza indlela ekwenza uzive ngayo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(b) Nika isizathu sempendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (1)

2.2.6 Yintoni le angayaziyo uHlobo malungu naba bantu aphakathi kwabo ngale mini yalo msitho? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.2.7 (a) Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa uMdoda, 'uya kungena tshwa kulo ngubo ebeyambethe umfi'. (2)

(b) Ukuvela kwelinye icala lesimo sikaEddie kule noveli kubonisa ukuba ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva). (1)

2.2.8 Nika imfundiso eziswa yile noveli. (2)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Kwaye ke yena uThandabantu wayengafuni pasi emntwini, engenayo naloo tyhefu (curfew) yakwamlungu. Naye ke wayesele ayeka ukulanda, kuba kwakusisa qho kukho ubuso obutsha inani landile. Koko wayesuka akhombe emasimini, ezinkunini okanye emithwaleni umsebenzi uhambe. Kwakuvukwa ngentlazane apho kungekho usilelayo bonke bezimisele ingulowo efuna ukubonwa ukuba uzimisele kwaye besazi ukuba baza kuthola ulutho, hayi ukuphangelela u'Velevutha' okanye u'Emsileni'.
Kaloku uThandabantu wayefumbathisa mntu ngamnye kwelo hlokondiba labasebenzi bakhe, xa sukube bephinda indlela begoduka. Bonke babesazi bethembile ukuba baya kuxakatha okwamathokazi aye kulobola, ngeemini zePasika okanye zeKrisimesi, xa begoduka.

Ingxaki yoongcothoza namatshivela yayikhe imvelele uRhadebe lo, koko engayinanzi nganto kuba yayisuke isonjululwe kwangabo iqala phakathi kwabo noxa yona ingajoliswanga kubo, <u>kuba kaloku yayilikhaya elo kubo</u> bezidla ngalo. **Abo babesiza ngokuza kufuna ukumnyelisa bamtyhafise babesuka baphoxwe kwangabo basebenzayo**. Babenyeliswa ke abo babesebenza ngentembeko nangokuzimisela. Igama ababebizwa ngalo lalikukuba baziinkedama zevenkile, iikafile zeekafile. Ngelo xesha yayisaziwa kwaye yamkelekile into yokukhongozwa koNtsundu ngomhlophe, into engaziwayo iyeyomntu oNtsundu ozenzela into yakhe. Yayifanelekile into yokusoloko umntu oNtsundu exhomekeke komhlophe kungekho nto anokuzenzela yona ngokunokwakhe noxa lalikhona igcuntswana elalinxamnye naloo meko.

3.1.1 Xela ukuba yintoni eyayisenza ukuba bonke abasebenzi bakaThandabantu bazimisele. (1)

3.1.2 Khankanya abeMABINI amaxesha onyaka uThandabantu awayebafumbathisa ngawo abasebenzi bakhe. (2)

3.1.3 Ingaba kunjalo oku kuthethwa kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho ngokwasencwadini. (2)

3.1.4 Chaza ukuba isityhilela ntoni ngabasebenzi bakwaThandabantu le nkcaza ibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

3.1.5 Nika isizathu sokuba kusetyenziswe ibinzana 'iikafile zeekafile' elikwisicatshulwa xa kubhekiswa kubasebenzi bakwaThandabantu. (2)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha 

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.1.6 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zingezantsi. Intetho ekwisicatshulwa ethi, 'Ngelo xesha yayisaziwa kwaye yamkelekile into yokukhongozwa koNtsundu ngomhlophe' ibonisa ulwimi …'

A oluchukumisayo.
B oluqhathayo.
C oludlelelelayo.
D olucengayo. (1)

3.1.7 Kwakutheni ukuze kungafumaneki lwazi ngoMaRhadebe? (1)

3.1.8 Kubeluncedo njani kusapho lukaThandabantu ukuba negqwetha elinguZangone? (2)

3.1.9 Chaza ukuba kuzalana njani oku kuqhubeka kwesi sicatshulwa nesiganeko sokutshona kwamashishini kaThandabantu. (2)

3.1.10 Cacisa ukuba iintshaba zikaThandabantu zizame njani ukutshabalalisa impumelelo yakhe kwezoshishino.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Okwenziwe ziintshaba zikaThandabantu. (1)

(b) Oko kwakhokelela njani ekuhleni kwempumelelo yakhe kwezoshishino. (2)

3.2 **ISICATSHULWA F**

Ke bethu noogqirha abo babemvumele ukuba alalele kufutshane nomguli lowo, nabo ke banikezela bengenalo ixhala bebona ukuba eyona ngozi idlule. Bala kodwa ukuba makahambe uRhadebe, besitsho ukuba baseneemvavanyo abafuna ukuzenza kuye. Wahlala apho esibhedlele uHlubi sele eyinto engqungungqungu kukuqumba esoloko ejongise ngaseludongeni kuba yena ezibona ukuba ngcono.

Wafika uMonwabisi emva kweeveki ezimbini engabonakalisi kunxunguphala okuye kubonwe kwabo baze kutyelela abagulayo. Wabulisa nje akabuza nempilo, koko wathi ikhona indlela anayo enokuthi isindise ezo zakhiwo. Bamthi ndwanya ngamehlo bobabini, sele ingulo leyo ilityelwe. Wathi yena ucebisa ukuba izakhiwo ezo zichithwe ukuz … Akazange adlule wasuka <u>waguquka uRhadebe wajonga kwaseludongeni</u> lwaloo ndlu akuyo. Waqhuba yena uMonwabisi wathi mazichithwe ukuze endaweni yazo kwakhiwe ezinye, ukuze endaweni yokuba bazisebenzise bona baziqeshise. Watsho edlula uMonwabisi ebalisa ngoosomashishini abaliqela abadinga indawo yokushishina apho kuTsolo. Kwakukho amaqumrhu ashishina ngempahla yendlu, kukho ashishina ngempahla yokunxiba, kunye namanye nje. Watsho ukuba ngokuqeshisa kuzo loo nkcitho yokwakha ngokutsha yayiya kukhawuleza ibuye, kwaye naloo magosa ayeza kwanela kuba aya kubona ukuba ikho into eyenziwayo. Futhi wayesele ethethile naloo maqumrhu anomdla, kwaye isigqibo kwakufuneka sibe sesikhawulezayo ingade iphele loo nyanga babeyinikiwe.

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.2.1 Xela unobangela wokuba uThandabantu ahlaselwe sisifo sentliziyo. (2)

3.2.2 Iththetha ukuthini le ntetho, 'eyona ngozi idlule' ngokwakwisicatshulwa? (2)

3.2.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba zazikwisimo esibi kakhulu izakhiwo zamashishini kaThandabantu? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.4 Ngqina ukuba umlinganiswa onguMonwabisi unazo ezi mpawu kule noveli:

(a) Ubukhali bengqondo (1)

(b) Ubugorha (1)

3.2.5 (a) Chaza indlela ekwenza uzive ngayo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(b) Nika isizathu sempendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (1)

3.2.6 Yintoni ebonisa ukuba uMamTolo akazange acinge ukuba bakuphela bencedwa nguMonwabisi ekugqibeleni? (2)

3.2.7 (a) Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa, 'ngokuqeshisa kuzo' ngokwale nkcaza kaMonwabisi ikwisicatshulwa? (2)

(b) Ukuvela kwecala elinye lesimo sikaMonwabisi kule noveli kubonisa ukuba ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva). (1)

3.2.8 Nika imfundiso eziswa yile noveli. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

MADALA: Ewe titshala uleqwa yini na ngorhaty'apha?
NDILA: Amanz'angen'endlwini bawo. Sesezolo uLoni uvuk'umnyele undinyus'umnqantsa wentaba.
MADALA: Ingaba intsusa-mabandla yintoni?
NDILA: Into ebitheni na bawo, iluchuku nje lwabashumayeli.
MADALA: UMawonga lo ucinga ukuba esi sikolo sesakwaLoni, kanti uqeshwe njengani nonke.
NDILA: Ukuqeshwa yeny'into bawo, **ukhonya okweBhulu efameni yalo**.
MADALA: Ngaba sesisanyankomo, ecinga ukuba isikolo esi singamagqub'akhe.
NONCI: Kanti makazi ukuba uDicksie lo naye uzalwa ngabantu njengaye, akaphumi zidulini.
MADALA: Masango, khawuthule uza kuwona lo mcimbi.
NONCI: Hi bantu benkosi! Ndathi ndivelana nomntwana kaMamCira, kanti nditheza olunenkume.
MADALA: Nisuke niquphe ukuthetha oku, nixhaph'amagwebu ningekayifumani nenyongo yento ekuthethwa yona ngobufazi obu benu- he! Mfanandini uza uphethe mcimbi mni kweli khaya, usithi mandombele yiphi ingoma?
NDILA: Tshangisa! Skhomo! Kudala undinyula ezinyuleni, namhlanje ndigxampuza kokaThisayo umgxobhozo.
MADALA: Ngako oko inqanawa iya kufuna embombo imiqokozo.
NDILA: Kunjalo kanye Tshangisa. UMawonga undityhola ngokunxila esikolweni into ke leyo endingazange ndiyenze ndinxila nje. Ukuba ndiyanxila ndizinxilela phaya ezingqaqeni kambe ke selendithembise ngomnyango.
MADALA: Uyititshala yokuqala ukwenza loo nto?
NDILA: Ndazi phi na Tshangisa, ngokuba isuthu ngathi liphume nam nje.

Downloaded from Stanmorephysics.com

4.1.1 Xela ukuba yintoni eyenza ukuba uMadala axoxe imicimbi yesikolo saseNobutho. (1)

4.1.2 Khankanya zibeMBINI izityholo abekwa zona uNdila nguMawonga Loni. (2)

4.1.3 Ingaba kunjalo oku kuthethwa nguNdila kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho ngokwasencwadini. (2)

4.1.4 Chaza ukuba isityhilela ntoni ngoLoni intetho kaNdila ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.1.5 Nika isizathu sokuba uNdila asebenzise intetho, 'undinyula ezinyuleni' ekwisicatshulwa xa abhekisa kuMadala. (2)

4.1.6 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zingezantsi. Intetho ekwisicatshulwa ethi, 'Nisuke niquphe ukuthetha oku … ngobufazi obu benu' ibonisa ulwimi …

A oluchukumisayo.
B oluqhathayo.
C oludlelelelayo.
D olucengayo. (1)

4.1.7 Kutheni uNdila embiza ngesiduko uMadala kule ngxoxo? (1)

4.1.8 Kubeluncedo njani kuMaziko ukumxela kwakhe uNdila kuMawonga? (2)

4.1.9 Chaza ukuba izalana le ngxoxo ikwesi sicatshulwa nesiganeko sokuphulukana kukaMawonga nesikhundla sobunqununu. (2)

4.1.10 Cacisa ukuba bumtshabalalise njani uMawonga ubukho bukaZanele ebomini bakhe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Okwenziwe nguZanele. (1)

(b) Oko kwakholela njani ekutshabalaleni kukaMawonga. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

FUNEKA: Zanele tshomi, budle ubomi. Mna ndibudlile ubomi bobuntombi andinasikrokro, ndaye ndiseza kubudla ithuba lisavuma.
ZANELE: Ha! Suk'apha wethu. Mna ndifuna ukutshintsha ifani. Andidlali nje ndidlala ndijonge entabeni (*Atsho baqwanye begqibezela iziselo.)*
FUNEKA: Kanti ke indlela eya entabeni kukubhabhisa intaka eneentsiba, umgibe wakho womelele okweentambo zegesi.
ZANELE: Wethu! Mna ndisaswele amacebo okubhabhisa iingqanga.
FUNEKA: Ingqanga? Ibinani yona ipikoko?
ZANELE: Utsho kum xa utshoyo kukutya kwam oko.
FUNEKA: Maye! Yiva apha <u>sityhamtyhamndini</u>, ndi-
ZANELE: Wenna! Ungayinyatheli emsileni, hleze ushunquke umsila.
FUNEKA: Unjani na wethu? Ndathi ndizama ukukufundisa, iindlela zokuphila, kweli gada ungadingi lubisi ungenazo nje iimazi, suke uvuke umnyele.
ZANELE: Uyaqala ke ukuthetha tshomi. *(Bahleke bengqubanisa iiglasi)* Utsho usithini ke ntanga? Betha koozelekazi.
FUNEKA: Nanku uMawonga, umyekele ntoni?
ZANELE: Mfondini ungandileqisi amahlungulu.
FUNEKA: Wenna! Yingqanga leyo ingwe yezixhobo, untsho kwiinkozi.
ZANELE: Njengokuba ingathi ngumdlankuku nje lowo ubanjwa phi? Kudala ndimlindele sendifuna ukuncama ngoku.
FUNEKA: Thul' ufe sana. UMawonga ngowakho ngoku. Yekela kum wena lo mdlalo ndiwuqhelile.
*(Kwesi sithuba kungena uJerry Deyi engankqonkqozanga.)*
FUNEKA: Ngubani lo udela indlu yam?
JERRY: Ubulindele bani mkhaya?
FUNEKA: Mkhaya wa-am! Kowu ke khona! Umcimbi uhamba njani Jerry-boy?
JERRY: Sel'umbovu mkhaya. Bamenyiwe bonke abafanele umsitho wangomso. Zonke izinto zimi ngoonina.

4.2.1 Xela unobangela wale ngxoxo ikwisicatshulwa. (2)

4.2.2 Ithetha ukuthini le ntetho, 'Mna ndifuna ukutshintsha ifani' ngokwakwisicatshulwa? (2)

4.2.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba wayibhabhisa uZanele le 'intaka eneentsiba' athetha ngayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.4 Ngqina ukuba umlinganiswa onguJekwa unazo ezi mpawu kule drama:

(a) Ubukhali bengqondo (1)

(b) Ubugorha (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2.5 (a) Chaza indlela ekwenza uzive ngayo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(b) Nika isizathu sempendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (1)

4.2.6 Yintoni eyenza ukuba uFuneka akhuthalele ukudibanisa uZanele noMawonga kulo 'mdlalo' athetha ngawo? (2)

4.2.7 (a) Uthetha ukuthini uFuneka xa esithi, 'lo mdlalo ndiwuqhelile'? (2)

(b) Ukuvela kwecala elinye lesimo sikaFuneka kule drama kubonisa ukuba ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva). (1)

4.2.8 Nika imfundiso eziswa yile drama. (2)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NOYONGO: | Hayi kodwa ntombazana uyandibhidisa ngoku. Kaloku wayethe akakufuni lo mfo apha. Uya kuthini ngoku ukuthi mandikudibanise naye? |
| DINA: | Heyi sisi Noyongo, andinandlela yimbi. Kufuneka ndidibene naye nakanjani. Ndizele mfazi, ndinabantwana. Ke, <u>uThambolenyoka makabone ukuba wenza njani</u>. Baza kutya ntoni aba bantwana? |
| NOYONGO: | Hayi bo, wathetha ngabantwana, wafumana amawele na kanti? |
| DINA: | Ndafumana amawele, andafumana mawele, ayifuni mntu loo nto. Ndinabantwana qha, futhi ngenxa yenu. Magqwirhandini. |
| NOYONGO: | Hayi bo mfazi! Ungakhe ulinge kaloku undithuke mna.Tyhini! Inkenkqe yakho wayikhuphela kum ngoku? |
| DINA: | Mnxim! Andithi nguwe kanye menemenekazindini owawusenza ngathi naku-naku undithanda apha, kanti lonke elo xesha **ungumnatha nje wokundibambisa** undibambisela ukundidlisa ngalaa nyoka yakho. Elaa menemene legqwirha lafelwa kudala bubuntu. Ngoku ndizele ndinabantwana ekufuneka bondliwe – niyasuka nindishiya kwesinomhlwa. |
| NOYONGO: | Tyhini! Thixo wamaZulu! Usile moss mntanandini hhi! Yini le! Uyindlavini yendladiya moss xa unje. Yhazi ndandikuthanda. |
| DINA: | Sowuqhelile! Ndithe nqa ukuthandwa lithole likanobiya kakade? Khona ude uthi ndisile nje ndise xa unjani wena? Khona xa ungubani? |
| NOYONGO: | Tyhini Thixo usile mntanandini! Futhi uqaqadekile. Yaye tshotsho ikufanele nale nto uyifumeneyo. |
| DINA: | O-o utsho? Yeka ke xa kunjalo. Uza kundazi. *(Watsho ephakama emshiya apho ematshekile. Waqqolotha ukuya kutyhoboza engena …)* |

5.1.1 Xela ukuba yintoni eyenza ukuba uDina andwendwele kwaNyoka ngale mini. (1)

5.1.2 Khankanya zibeMBINI iindlela ezisetyenziswe nguNoyongo ukutsalela uDina kwaThambolenyoka. (2)

5.1.3 Ingaba kwabanjalo okuthethwa nguDina kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho ngokwasencwadini. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.4 Chaza ukuba isityhilela ntoni ngoNoyongo intetho kaDina ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

5.1.5 Nika isizathu sokuba uDina asebenzise intetho 'thole likanobiya' xa abhekisa kuNoyongo. (2)

5.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Intetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi 'ikufanele nale nto uyifumeneyo …' ibonisa ulwimi …

A oluchukumisayo.
B oluqhathayo.
C oludlelelelayo.
D olucengayo. (1)

5.1.7 Kutheni uThambolenyoka engasafuni nto imdibanisa noDina ngokwakwesi sicatshulwa? (1)

5.1.8 Kubeluncedo njani kubazali bakaDina ukucela kwabo uZanoxolo ukuba athethe noDina? (2)

5.1.9 Chaza ukuba izalana njani le ngxoxo ikwesi sicatshulwa nesiganeko sokubanjwa kukaThambolenyoka. (2)

5.1.10 Cacisa ukuba ubutshabalalise njani uThambolenyoka ubomi bukaNoyongo nabanye abasebenzi bakhe ababhinqileyo.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Okwenziwe nguThambolenyoka. (1)

(b) Oko kwakholela njani ekutshabalaleni kooNoyongo. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.2 **ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| NYOKA: | Jongani madoda, lo mntwana nguye lowa ungqongwe zeziya zitunxa zithathu zabafazi. |
| MKHEFA: | Simbonile Skhulu. |
| SDOKHWE: | Yha siyambona Skhulu. |
| NYOKA: | Maze kuthi kanti kunjalo. |
| MKHEFA: | Hayi kunjalo Skhulu. |
| NYOKA: | Jongani madoda, ndinithembile, ningandiphoxi, Ndifuna ukwazi yonke into ngalo mntwana: inqwelo-mafutha ahamba ngayo, igama lakhe, nalapho ahlala khona. Niyandiva? |
| SDOKHWE: | Kuyavakala Skhulu, kulula konke. Yonke loo nto Skhulu uza kuyifumana kwanamhlanje. |
| NYOKA: | Kulungile ke. Mkhefa, biza eziya zitunxa zithathu zabafazi zize apha. |
| MKHEFA: | *(Aphume, abuye nabo)* Naba Skhulu. |
| NYOKA: | Khanitsho, nenza ntoni nina phaya? |
| NOYONGO: | Hayi Mlungu besisa … |
| NYOKA: | Hlalani phantsi! Hlalani phantsi maan. Nibe nithe bhungxe nje. Hlalani phantsi! Uthi benisathini? |
| NOYONGO: | Besisangcambazisa laa mntwana Mlungu. |
| NYOKA: | Mnxim! Yinto ebeniyithunywe ngubani leyo? Hhe! Beniyithunywe ngubani loo nto? |
| BOBATHATHU: | *(Bejika bejongana bemangele)* Nguwe Mlungu. |
| NYOKA: | Bendinithume loo nto mna? Bendikhe ndathi kuni yiyani kungcambazisa laa mntwana? |
| BOBATHATHU: | *(Besajongene bexakiwe.)* |
| NYOKA: | Ubhululu wenu ufile, uhlatywe ngencula ngumntu eningamaziyo, nina nilibele kukundixelela ukuba niyangcambazisa. Khona, niyangcambazisa niyangcambazisa, ningcambazisa ntoni? |
| NOMHASE: | Hayi kodwa Mlungu uyasixaka ngoku. |
| NYOKA: | Ndiyanixaka ndinixaka ntoni? Kulungile myekeni laa mntwana myekeni. Ndiza kuzibonela into yakhe. Myekeni. Phumani hambani. |

5.2.1 Xela unobangela wokuqhutywa kwale ngxoxo ikwisicatshulwa. (2)

5.2.2 Lithetha ukuthini igama, 'ungqongwe' ngokwakwisicatshulwa? (2)

5.2.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba wayeswelekile uNozici? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2.4 Ngqina ukuba uDina unazo ezi mpawu kule ncwadi:

(a) Ubukhali bengqondo (1)

(b) Ubugorha (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.2.5 (a) Chaza indlela ekwenza uzive ngayo intetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

(b) Nika isizathu sempendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (1)

5.2.6 Yintoni eyenza ukuba uNyoka abenexhala ngobukho balo 'mntwana' kwishishini lakhe? (2)

5.2.7 (a) Uthetha ukuthini uNomhase kuThambolenyoka xa athi, 'uyasixaka ngoku'? (2)

(b) Ukuvela kwecala elinye lesimo sikaThambolenyoka kule drama kubonisa ukuba ungumlinganiswa (osicaba/ ongqukuva). (1)

5.2.8 Nika imfundiso eziswa yile drama. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Ndakuyicela ivuthiwe' nguEZ Guqa
- 'Itutu laseTikitiki' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

**UMBUZO 6**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

**'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – LL Ngewu kunye no-EZ Guqa**

6.1 **ISICATSHULWA K**

Aba bantwana bakhule phantsi kweliso elibukhali likanina, uMaVumisa. UMaVumisa ebengumfazi obekhuthele ngayo yonke indlela, kodwa uye wonganyelwa kukukhulisa olu sapho kangangokuba uQolwana kuye kwafuneka esishiyile isikolo esekwibanga lesine aye kuzicelela itorho emlungwini, apho lalisafumaneka khona ngelo xesha iqhosha elingenamngxuma.

Into emophuleyo uMaVumisa kuxanduva lokukhulisa abantwana ababini ibe kukubonwa kukaNokwanda lisoka. Mhla uNokwanda wahlebela unina ukuba kukho tsha-ntliziyo lithile elimbone ukuba angangumfazi, wavuya uMaVumisa wabulela kuNokwanda esithi ukwanda kwaliwa ngumthakathi. Amadoda akwaNdlambe azamile ukuyikhaba ngawo omane into yokwenda komntwana esemncinci engekahlanganisi neminyaka elishumi elinesihlanu, koko kwabonakala kumadoda akwaNdlambe ukuba apha kuMaVumisa noNokwanda asenga nje iimazi ezikhabayo. Umfazi nentombi yakhe batyhale ngesifuba bengafuni nokuva. Into yokwenda kwale ntombi imncede kakhulu uQolwana kuba ibiyimhemhe yakhe ukondla nokufundisa aba bantwana nakuba ebengahlawulwa kuyaphi eThekwini.

Akuhambanga xesha lide uNokwanda elishiyile ikhaya lakhe. uQolwana wazifunela umfazi. Intombi le ibihlala nonina eThekwini. UQolwana ufikile kowabo ngeny'imini ehamba nomfazi wakhe. **Wavuya unina akuqonda ukuba ukumka kukaNokwanda akuvulanga sikhewu**. Umfazazana wenzelwe utsiki, abizwa namadoda akwaNdlambe ukuba aze kuzimasa itheko. Angxolile la madoda ukuba abanjiswe into esinqeni engayazi nokuba ibiqale kanjani na.

6.1.1 Xela ukuba yintoni eyenza ukuba bakhule phantsi kweliso likaMaVumisa kuphela ooQolwana. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

6.1.2 Khankanya zibeMBINI izinto ezivelayo kwisicatshulwa ezibubungqina bokuba uMaVumisa wayesonganyelwa kukukhulisa abantwana bakhe. (2)

6.1.3 Ingaba kunjalo oku kuthethwa kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.4 Chaza ukuba sisityhilela ntoni ngoMaVumisa isenzo sakhe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

6.1.5 Nika isizathu sokuba kusetyenziswe inkcaza, 'aze kuzimasa' ekwisicatshulwa xa kubhekiswa kuMaNdlambe. (2)

6.1.6 Khetha impendulo echanekileyo ibeNYE kwezi zingezantsi. Intetho ekwisicatshulwa ethi, 'abanjiswe into esinqeni engayazi' ibonisa ulwimi …

A oluchukumisayo.
B oluqhathayo
C oludlelelayo.
D olucengayo. (1)

6.1.7 Kwakutheni ukuze uMaVumisa noNozukile bangavani? (1)

6.1.8 Kubeluncedo njani kumadoda akwaNdlambe ukushiywa kukaQolwana ngumfazi wakhe? (2)

6.1.9 Chaza ukuba kuzalana njani oku kuvela kwisicatshulwa nesiganeko sokuya kukhalaza kukaQolwana ngesimo ngoNozukile kumawabo. (2)

6.1.10 Cacisa ukuba ukutshata kukaQolwana kukutshabalalise njani ukuvana kwakhe namadoda akwaNdlambe.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Okwenziwe nguQolwana. (1)

(b) Oko kwakhokelela njani ekutshabalaleni kokuvana kwabo. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**'ITUTU LASETIKITIKI' – LL Ngewu**

6.2 **ISICATSHULWA L**

Usivulile umfo isipaji sakhe wayibala intsalela yemali ebilapho. Uthe akugqiba ukuyibala loo mali wanikina intloko wasinika uyise wale nkwenkwe esi sipaji ngelithi, 'Tata unyana wakho ndiyampha le mali. Mna andinakusebenza kangaka inyanga yonke kanti unyana wakho uza kundihlawula imali encinci kangaka njengoko kucaca ukuba ndiqeshwe nguye nje kwesi sikolo.' Bekucaca ukuba igwele lomsindo lenyuke gqitha kuXakanisekile yaye uMdesalini exakwe nakukuxolisa kuba engenalo nofifi lokuba eso sipaji sasiqulathe malini na mhla sohlukana nomniniso. UTolo ucele le titshala ukuba baphumele phandle nomnye akathalalisa koko wathi chu ukuya ngasemnyango ehamba enikina intloko esithi, 'Tyhini madoda! Tyhini madoda!'

Iphelile iyure la madoda mabini exoxa phandle kubonakala ukuba akaphani zithuba. uMdesalini ubeme bume engxengxezela unyana wakhe ethembisa ukuba uzimisele ukuyibuyisa nangokuphindwe kabini loo mali. UXakanisekile uthe ufunga amaBhukwana ephelele akafuni mali yaye engafuni naThobile kwigumbi afundisela kulo. 'Bhukwana, xola noko yaye ndiyathembisa ukuba into enje ngale soze yehle. Kaloku ngumsebenzi wam nawe ukuqeqesha abantwana.'
'Ndixolele mna, tata, isebe lemfundo landithumela apha ukuba ndibengumhlohli. Into yokuqokelela isimilo somntwana oqaqadekileyo andinasiqinisekiso sayo kuba zange ndiyiqeqeshelwe.

6.2.1 Xela unobangela wale ngxoxo ikwisicatshulwa. (2)

6.2.2 Ithetha ukuthini le ntetho, 'engenalo nofifi' ngokwakwisicatshulwa? (2)

6.2.3 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba wayeqala ukuxoxa esikolweni sonyana wakhe uMdesalini? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.4 Ngqina ukuba umlinganiswa onguThobile unazo ezi mpawu kweli bali:

(a) Ubukhali bengqondo (1)

(b) Ubugorha (1)

6.2.5 (a) Chaza indlela ekwenza uzive ngayo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

(b) Nika isizathu sempendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (1)

6.2.6 Yintoni eyenza ukuba uThobile azalelwe eNew Zealand? (2)

6.2.7 (a) Kuthetha ukuthini oku, 'kuqokelela isimilo' kukwisicatshulwa? (2)

(b) Ukuvela kwelinye icala lesimo sikaThobile kweli bali kubonisa ukuba ungumlinganiswa (osicaba/ongqukuva). (1)

6.2.8 Nika imfundiso eziswa leli bali. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'IDyunivesithi iFort Hare' nguS Maputi
- 'Indoda yokwenene' nguKN Manciya

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 **IDYUNIVESITHI IFORT HARE – S Maputi**

Ntsika yeDike, mvaba yolwazi,
Ubombo lujong'ezantsi.
Awugungqiswa qhwithelo, njengasikhondo.
Kuloo mathafa uvelele iXesi;
Kuwe baty'udaka, baphefumla isiNgesi,
**Ntsikandini yeDike.**

Maxa onke ubhonxile;
Ulibo luyamfimfithekisa, luyafunxa;
Luphambukela kuwe lukhwaza
Umsindo ozayo nentsokolo.
**Ntsikandini yeDike.**

Imibele yakho **iyahluhluza**;
Umgqeku uyancela, uyalenca.
Isimbonono sesendlala nokungazi,
Umi, uyafundisa uthibaza impalalo.

Zidle ngobunkokheli kwimfundo;
Khalima impambano, ubhanxo nembudo;
Nwenwisa uluchwe lwakho ekhaya;
Uze uphe iintsatshana ukukhanya.
Wena uyintsika yeDike.

Iinkokeli zeAfrika <u>zirhabule</u> kuwe;
Nabaphambuki imbala bafunda lutho;
Injongo ikukufohlela nokuzixhobisa;
Eneneni awaphoxisa wafundisa.
**Ntsikandini yeDike.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.1.1 Xela ukuba lisixelela ntoni igama 'yeDike' ngale yunivesithi. (1)

7.1.2 Khankanya izinto ezifaniswayo kulo mqolo ulandelayo: 'Awugungqiswa qhwithelo, njengasikhondo.' (1)

7.1.3 Lithetha ukuthini igama 'ubhonxile' elikulo mqolo ulandelayo: 'Maxa onke ubhonxile.' (2)

7.1.4 Usityhilela ntoni ngale yunivesithi lo mqolo ulandelayo? 'Luphambukela kuwe lukhwaza.' (2)

7.1.5 Xela injongo yokusetyenziswa kwegama elibhalwe ngqindilili kulo mqolo: 'Imibele yakho **iyahluhluza**.' (2)

7.1.6 Nika umfanekiso-ntelekelelo oziswa ngamagama, 'uyancela, uyalenca', kulo mqolo ulandelayo: 'Umgqeku uyancela, uyalenca.' (2)

7.1.7 Xela umsebenzi wekoma esemva kwesenzi 'Umi', kulo mqolo ulandelayo: 'Umi, uyafundisa uthibaza impalalo.' (2)

7.1.8 Nika izinto zibeMBINI eyalelwa ukuba mayizenze le yunivesithi. (2)

7.1.9 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zingezantsi. Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi 'zirhabule' kulo mqolo, 'Iinkokeli zeAfrika <u>zirhabule</u> kuwe' libonisa:

A Intsingiselo equkayo
B Intsingiselo ecacileyo
C Intsingiselo efihlakeleyo
D Ukushiyelelwa kolwazi (1)

7.1.10 Cacisa indlela esetyenziswe ngayo impinda kwimiqolo 'Ntsikandini yeDike' ebhalwe ngqindilili yesi sicatshulwa sombongo.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Umsebenzi wempinda (1)

(b) Ekuvezayo ngale yunivesithi (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.2 **INDODA YOKWENENE – KN Manciya**

1 Indoda yokwenene yezindilel' umzi **wayo**.
2 Le nt' indoda ngumthandi wesizwe **sayo**.
3 Le nt' indoda ngumhloniphi wesiqu **sayo**.
4 Indoda yokwenene ihlonel' usapho **lwayo**,
5 De iqwele ukuthand' umfazi **wayo**,
6 Yenz' imihlol' ukuhlonel' inkosi **yayo**,
7 Ithand' isizwe nezalaman' eziyigcinayo.
8 Intl' indod' eyinkokel' ekhokel' usapho **lwayo**.
9 Indoda yingcongolo phezu kweziziba zezwe **layo**,
10 Ezimanz' anzongonzongo iinzonzobila zezwe **layo**.
11 Ayijwed' indoda sel' ingxang' engxangxasini;
12 Igcin' isidima owenen' umgcini lusapho **lwakhe**.
13 Eyenene mwethu akulopholopho lamtshulatshu.
14 Eyokwenene ayinguy' uBhabhezilokhweni, ingcathu.

7.2.1 Chaza okugxininiswa sisakhi u-zi kwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo woku-1. (2)

7.2.2 Xela isixhobo sohlalutyo esisetyenziswe kule miqolo ilandelayo yalo mbongo:

'Indoda yokwenene yezindilel' umzi **wayo**.'
'Le nt' indoda ngumthandi wesizwe **sayo**.' (1)

7.2.3 Khankanya zibeMBINI izinto ezixelwe kule miqolo ilandelayo, ekuthiwa iyazenza indoda yokwenene kulo mbongo:

'Indoda yokwenene yezindilel' umzi **wayo**.'
'Le nt' indoda ngumthandi wesizwe **sayo**.'
'Le nt' indoda ngumhloniphi wesiqu **sayo**.' (2)

7.2.4 Nika intsingiselo eziswa libinzana, 'De iqwele' elikulo mqolo ungezantsi:

'De iqwele ukuthand' umfazi **wayo**' (2)

7.2.5 Nika injongo yokusetyenziswa kwamagama abhalwe ngqindilili kulo mbongo. (2)

7.2.6 Tolika okuthethwa yile miqolo ilandelayo:

'Indoda yingcongolo phezu kweziziba zezwe **layo**,'
'Ezimanz' anzongonzongo iinzonzobila zezwe **layo**.' (2)

7.2.7 Nika umsebenzi wophawu lomelo sikhamiso (') kulo mbongo. (1)

7.2.8 Chonga igama elikulo mqolo ulandelayo, elithetha ukuba indoda yokwenene iyazikhwebula kwimikhwa emibi.

'Eyokwenene ayinguy' uBhabhezilokhweni, ingcathu.' (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


7.2.9 Cacisa umahluko ngokomongo kwimiqolo esibhozo yokuqala nemithandathu yokugqibela yalo mbongo.

Cwangcisa impendulo yakho ngoku hlobo:

(a) Imiqolo yokuqala esibhozo ithetha … (1)

(b) Imiqolo emithandathu yokugqibela ithetha … (1)

7.2.10 Ingaba zivezwe ngempumelelo iimpawu zendoda yokwenene kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE 70**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: INOVELI**

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

**ISICATSHULWA A**

1.1 1.1.1 Kungokuba wayefuna ukubuyela kowabo eLesotho ngenxa yokunyanzelwa ngumthetho kaRhulumente welo xesha.√ (1)

1.1.2 Uye kunyelisa uLungile kwizibonda echaza ukuba akangomZulu, uyafana noMosia lo ukhutshwe ngenxa yokuba engumSuthu.√ Uzame ukunyoba abaseziofisini esithi nguye onelungelo kule venkile.√ (2)

1.1.3 Kwaba njalo kuba akazange azinikwe iincwadi zevenkile uNtongana nguThamsanqa wathi zihlala ezibhankini nasemagqwetheni omzi kaLungile.√√ (2)

1.1.4 Nguye omele ukuba bayifumane ivenkile yakwaNtsibande√√/ukuba uyayimela into afuna yenzeke√√/akamyeki umntu de enze oko amxelela kona.√√ (2)

1.1.5 Kungokuba ukholelwa ukuba, kuba uSondlo wayengutatomncinci wakhe le venkile ililungelo lakhe njengoko uSondlo engasekho√√/ ukholelwa ukuba ifanele ukuba inikwe yena ngaphandle kwentlawulo kuba uSondlo nguyisemncinci.√√ (2)

1.1.6 D √/D ulwimi olucengayo√/ulwimi olucengayo. √ (1)

1.1.7 Kungokuba ukholelwa ukuba uMosia wayifumana ngomgunyathi ngoko ke akanamaphepha asisiqinisekiso√/unolwazi oluthi akazange ayithenge ngokusemthethweni uMosia ivenkile kuSondlo.√ (1)

1.1.8 Ngokuthi abengumzali kuMpumemelo bakusweleka bobabini abazali bakhe.√√ (2)

1.1.9 Ngokuba uNozililo uhlohle uNomakhwezi ubuxoki ngoLungile kuba elwela le venkile, ze uNomakhwezi wawisa imoto ngenxa yomsindo, babhubha bobabini noLungile.√√ (2)

1.1.10 (a) UNozililo uthenge ootsotsi ukuba batshise ivenkile yakwaNtsibande kwaza kwakho utsotsi obhubhayo kwelo yelenqe. √ (1)

(b) Ngokuthi ngenxa yoko kutshiswe umzi wakwaMakhwetshu, kubhubhe uNtongana noNozililo. √√ (2)

**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Kukuvuyisana nokuphumelela kukaMpumelelo ezifundweni zakhe. √√ (2)

1.2.2 Ithetha ukuba ubonakele ngokomntu ongahoyanga nto√√/ ubonakele engamhoyanga√√/ubonakele ngokungathi akayikhathalele loo nto. √√ (2)

1.2.3 Wayefanelene noZet kuba babethandana yiyo nale nto kwaba lula ukumsebenzisa kweli yelenqe lokubulala uMpumelelo. √√

**OKANYE**

Wayengafanelananga noZet kuba naku wathi akudanisa noMpumelelo wazibona engamfanelanga uZet, waneenjongo zokumyeka. √√ (2)

1.2.4 (a) Kunjalo, kuba ubukhali bengqondo kaMpumelelo bubonakele xa ethatha izifundo zobugqirha kwaye ephumelela emagqabini kuzo√/bungqinwa kukuba abekwiqela loogqirha abafunde ngesifo esibhubhisayo batsho beza nechiza laso. √ (1)

(b) Kunjalo, kuba uMpumelelo uye wajongana ngqo noZet akamoyika mhla wayemgezela emdanisweni√/uMpumelelo akaphakuzeliswa kukungcola kukaNozililo usuke athi akasoze aye ndawo yena, nangona ezazi izinto ezenziwa nguNozililo kubazali bakhe√/uzikhethele ukuya kusebenza eLusikisiki kwindawo ebengayazi ncam wafika apho wasebenza ngokungazoyikiseli, wenza inguqu enkulu kwezonyango. √ (1)

1.2.5 (a) Indenza ndizive ndinamasikizi√/ndisoyika√/ndinexhala. √ (1)

(b) Sesokoyikisela/ukuxhalela ukuba uZet enzakalise uMpumelelo√/sesokwazi ukuba uZet uzele ukuza kubulala uMpumelelo kakade. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo ngokomxholo iya kwamkeleka.] (1)

1.2.6 Kukuba uLizzie ukho kwiyelenqe lokubulawa kwakhe nguZet√√/ uLizzie kusetyenziswe yena ukuba amlobe ukuze uZet afumane ithuba lokumbulala. √√ (2)

1.2.7 (a) Ukuba wabanomsindo√√/wacaphuka. √√ (2)

(b) … ongqukuva. √ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2.8 Yeyokuba kulungile ukunganikezeli nokuba kubi ebomini bakho√√/ kubalulekile ukuba iintsapho zixhasane√√/akulunganga ukunyolukela izinto ezingezozakho. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[17]**
**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Kungokuba wayesithi akaphilanga. √ (1)

2.1.2 Wambhalela ileta. √
Wamtsalela umnxeba. √ (2)

2.1.3 Akunjalo, kuba uLinda akazange abize nalinye igama lentokazi kaEddie kwisizathu sakhe sokungayi eRio koko wayemkrokrela nje ukuba ungudlalani. √√ (2)

2.1.4 Ukuba ungumntu onamaqhinga√√/uyakwazi ukuzenza umntu onyanisekileyo enganyanisekanga. √√ (2)

2.1.5 Kungokuba ukholelwa ukuba uthando lukaEddie alufanele kuthathelwa ngqalelo kakhulu. √√ (2)

2.1.6 C√/C oludlelelelayo√/oludlelelelayo. √ (1)

2.1.7 Kungokuba ubona ingathi uLinda akamazi ukuba uEddie ngudlalani onamaqhinga. √ (1)

2.1.8 Ngokuthi atsho afumane ulwazi nge*Tape Recorder* ethwele ubungqina ngabona babulali bakaEddie, eselugcinweni *eAll Safe Bank.* √√ (2)

2.1.9 Kule ngxoxo kuthethwa ngeleta ebhalwe nguLinda ethe yangomnye woonobangela bokuba akrokrelwe kwisenzo sokubulala uEddie noLulama, waza wabanjwa. √√ (2)

2.1.10 (a) UDuma uxelele uHlobo ngokundwendwela kwamalungu ase*Moonglow* kwaLinda aza abuka imoto kaLinda ewodwa. √ (1)

(b) Ngokuthi aveze obunye ubungqina malunga nompu kaLinda owawukhe walahleka obenze ukuba uHlobo aphandisise. √√ (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Kukugxwala emswaneni kwamalungu e*Moonglow Night Club* ngenxa yokusweleka kukaEddie√√/yinkonzo yesikhumbuzo kaEddie Maga ongasekhoyo obelilungu le*Moonglow Night Club*. √√ (2)

2.2.2 Ithetha ukuba saqhuba sithetha asamhoya√√/ asizange sizikhathaze ngaye√√/akwabikho kumkhathalela. √√ (2)

2.2.3 Akunyaniswanga kuba ngala malungu ase*Moonglow* kanye abandakanyekayo ekufeni kukaEddie, la azenza ngathi ayamkhalela ngoku. √√ (2)

2.2.4 (a) Kunjalo, kuba ubukhali bengqondo kaEddie bubonakele ngethuba ashicilela incoko yakhe namalungu ase*Moonglow* kuba ekrokrela ukuba hleze ambulale. √ (1)

(b) Kunjalo, kuba ubugorha bukaEddie bubonakele ngethuba aphendulana namalungu ase*Moonglow* ewaxelela ngokuzithemba oko akucingayo nakucebayo ngalo mbutho we*Moonglow Night Club*√/bubonakele xa engajiki kwisigqibo sakhe sokwala ukuba kuthengiswe intsangu naxa sele emgrogrisa. √ (1)

2.2.5 (a) Indenza ndizive ndinomsindo√/ndibuhlungu. √ (1)

(b) Kukuba eneneni siyazi ukuba ubulelwe/sesokuba isithethi asinyanisekanga kwezi zincomo zaso kuba sikho naso kwiyelenqe lokumbulala√/ukufa kukaEddie yilahleko enkulu ebantwini kuba ebengafuni nto iza kubulala isizwe√/kuba ebeneenjongo eziphakamileyo ngombutho i*Moonglow*. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo ngokomxholo iya kwamkeleka.] (1)

2.2.6 Kukuba aba babulali abakhangelayo ngabo aba aphakathi kwabo.√√ (2)

2.2.7 (a) Ukuba uMdoda unakho ukusebenza ngokukhuthala nangokuzimisela kumsebenzi wakhe njengoEddie√√/ukuba uza kulunga kwaye ufanelekile kulo msebenzi ubusenziwa nguEddie√√/ unazo iimpawu ezifana nezikaEddie ezilungele esi sikhundla angena kuso. √√ (2)

(b) … ongqukuva. √ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.2.8 Kubalulekile ukuba abantu bomthetho bazinikele emsebenzi wabo ukuze kwenzeke ubulungisa√√/akulunganga ukuthanda imali ngokugqithisileyo kuba oko kuyingozi kwakuwe√√/ akulunganga ukubathemba kakhulu abahlobo√√/isikhuni sibuya nomkhwezeli√√/akulunganga ukuhambisana nezenzo zobugewu. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**[17]**

**[35]**

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 Kukuba ingulowo efuna ukubonwa ukuba uzimisele kumsebenzi wakhe√/babesazi ukuba baza kuthola ulutho.√ (1)

3.1.2 Kungeemini zePasika. √
kungeemini zeKrismesi. √ (2)

3.1.3 Kunjalo kuba wonke umntu wayephambukela kwaThandabantu kwaye azive amkelekile, bambi bangagoduki√√/babede babizwe ngokuba baziinkedama zevenkile. √√

**OKANYE**

Akunjalo kuba abanye abasebenzi baye bemka sakutshintsha isimo sikaThandabantu abaphathe kakubi, baya kusebenza kwabanye abantu. √√ (2)

3.1.4 Ukuba babemthanda bemkhusela uThandabantu, bengafuni nto imbi ithethwayo ngaye. √√ (2)

3.1.5 Sesokuba bakholelwa ukuba uThandabantu akamelanga kuxatyiswa kakhulu engengomlungu√√/ngokwendlela yokucinga yelo xesha loo mbeko ingako babeyinika uThandabantu, yayifanele umntu oMhlophe. √√ (2)

3.1.6 A√/A oluchukumisayo √/oluchukumisayo. √ (1)

3.1.7 Kungokuba wayefike esisimumu ngoko ke kungekho mntu wayekwazi ukuthetha naye ngemvelaphi yakhe. √ (1)

3.1.8 Ngokuthi igqwetha lingenelele akuphelelwa yimpilo namandla uThandabantu licebise ukuba amashishini anikwe uMonwabisi ukuze awaqhube, atsho avuka akwizinga eliphezulu. √√ (2)

3.1.9 Le mvano yakhe nabasebenzi kuthethwa ngayo kule ngxoxo yile yenze ukuba athi akubelwa ngabanye babo, abaphathe kakubi kakhulu abantu abamsebenzelayo, bemka, atshona amashishini. √√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.1.10 (a) Zisasaze isityholo sokuba uThandabantu uthwele ngenyoka emenzela ubutyebi. √ (1)

(b) Kwenze ukuba abantu bakholelwe ukuba unenyoka, bayeke ukuthenga evenkileni yakhe√√/abantu bamtyhole ngokubulala unyana wakhe nto leyo eyenze ukuba abenengqumbo, de angabinamdla kumaphulo ezoshishino nakumashishini akhe. √√ (2)

**[18]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Wayekhathazwe kukufika kwamagosa karhulumente eze kumtyityimbisela umnwe malunga nezakhiwo zakhe ezazizidala, esithi ziza kudilizwa√√/kukuva ukuba amashishini akhe uza kuwathathela kuye urhulumente. √√ (2)

3.2.2 Ukuba sele esindile ekubulaweni sisifo sentliziyo ababesixhalele√√/ akasaguli kakhulu√√/ungcono kwingulo yakhe. √√ (2)

3.2.3 Zazikwimeko embi kakhulu kuba zade zadilika ngemini yesiphango zenzakalisa abantu√√/kuba wayengazange azivuselele oko zazimi ngoko mhla wayewaqala la mashishini akhe. √√ (2)

3.2.4 (a) Kunjalo, kuba ubukhali bengqondo kaMonwabisi bubonakala ngokucebisa ukuba uThandabantu adilize amashishini akhe, awakhe ngokutsha ze aqeshise ngawo amngenisele imali√/ngokuthi avuse itrektara engasasebenziyo evenkileni kaThandabantu, alime athengisele ebantu abenemalana yokuxhasa abasebenzi√/ ngeempendulo zakhe xa athetha negqwetha ngobudlelwane bakhe neentombi zikaThandabantu√/ ngeempendulo zakhe xa athetha negqwetha malunga nendlela aza kuwalawula ngayo amashishini kaThandabantu.√ (1)

(b) Kunjalo, kuba uMonwabisi ubonakalise ubugorha ngokuya kulanda iintombi zikaThandabantu ukuba zibuyele kokwazo, engazi nokuba uza kufika zisithini okanye zicinga ntoni ngaye nekhaya lazo√/ ngokusala yedwa eNtshiqo azame iindlela zokuziphilisa nokunceda amashishini angawi. √ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.2.5 (a) Indenza ndizive ndinexhala√/ ndidanile√/ ndinosizi. √ (1)

(b) Sesokuba uThandabantu angalamkeli icebiso likaMonwabisi elinokumnceda√/angaziniki ithuba lokummamelisisa uMonwabisi de eve zonke iinkcukacha azanazo√/ sesokuba uThandabantu wayengafuni kwaphela ukuba achithwe amashishini akhe ngelithi uwasebenzele nzima kwaye abubudoda bakhe. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo ngokomxholo iya kwamkeleka.] (1)

3.2.6 Kukuba wayemphethe kakubi uMonwabisi engamboneli ntweni ngeliya xesha yena babusamhambela kakuhle ubomi√√/ kukungamkhulisi amthande ngokufanayo nabantwana bakhe√√/ kukumphatha njengesicaka. √√ (2)

3.2.7 (a) Ukuba ziza kunikezelwa kwabanye oonovenkile baqhube kuzo amashishini abo ze bahlawule uThandabantu nyanga zonke. √√ (2)

(b) …osicaba. √ (1)

3.2.8 Yeyokuba kulungile ukubambelela kwiphupha onalo ebomini nokuba sekunzima√√/kulungile ukwenza ubulungisa ebantwini√√/kulungile ukusebenza ngenkuthalo nokuzimisela kuba ukho umvuzo ekugqibeleni√√/kubalulekile ukuthembeka√√/ akulunganga ukuvumela iingxaki ziguqule isimo sakho√√/ akulunganga ukubanomkhethe ebantwaneni√√/akulunganga ukudodobalisana singabantu bohlanga olunye ngenxa yeenkolelo ezingakhiyo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[17]**
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IDRAMA

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

**ISICATSHULWA G**

4.1 4.1.1 Kukuba ungusihlalo wekomiti yesikolo iNobutho.√ (1)

4.1.2 Kukuthuma abantwana besikolo utywala ngexesha lokufunda.√ Kukunxila esemsebenzini. √ (2)

4.1.3 Akunjalo kuba uNdila akatyholwa nje engenzanga nto koko uboniwe uThandiwe esiya esirhoxweni kwaye kukho nobungqina bamakhoba asekhabhathini yakhe.√√ (2)

4.1.4 Ukuba ubaphethe kakubi ootitshala ayinqununu yabo eNobutho√√/ akazifuni iingcebiso zabanye abantu√√/usenza esakhe isikolo saseNobutho.√√ (2)

4.1.5 Sesokuba kudala ehlangulwa nguMadala emthethelela sele kukubi egxothwa emsebenzini kungekho nto anokuyenza ukuzisindisa.√√ (2)

4.1.6 C√/C oludlelelelayo√/oludlelelelayo. √ (1)

4.1.7 Kungokuba uyazithoba√/uyamcenga.√ (1)

4.1.8 Ngokuba liye laphumelela iyelenqe lokubaxabanisa baba ziintshaba de bobabini baphume emsebenzini ukuze kusale yena uMaziko ebekwa njengenqununu.√√ (2)

4.1.9 Kule ngxoxo kuqulunqwa icebo lokusindisa uNdila angagxothwa emsebenzini ze lithi lakungaphumeleli azale yingqumbo ade enze umgibe wokuziphindezela kuMawonga.√√ (2)

4.1.10 (a) UZanele ulobe uMawonga ngoncedo lukaFuneka ongumhlobo wakhe, ava ngaye.√ (1)

(b) UZanele usetyenziswe nguFuneka kumgibe wokwenza uMawonga abelinxila de aphelelwe ngumsebenzi ukufeza impindezelo kaNdila.√√ (2)

**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Kukuba uFuneka utyhalela uZanele ukuba athandane noMawonga. √√ (2)

4.2.2 UZanele uthetha ukuba yena usafuna isoka eliza kumtshata. √√ (2)

4.2.3 Wayibhabhisa kuba uMawonga wathi ngokujongana kwabo ngokuhlala walobeka kuZanele bathandana. √√ (2)

4.2.4 (a) Kunjalo, kuba ubukhali bengqondo bukaJekwa bubonakala akuthundeza amalungu entlanganiso ukuba ayeke uNdila azithethele kuba kudala elungiselelwa√/ bubonakala xa uJekwa abethelela ukubaluleka kwemfundo ngokuthi mayingakhuthazwa ititshala enxila esikolweni√/kuba nguJekwa owenza isiphakamiso sokuba makuvotwe ukuze kucace ukuba kwenzeka ntoni ngoNdila. √ (1)

(b) Kunjalo, kuba uJekwa ubeligorha lenene ngokuthi angazifihli izimvo zakhe nangona zingahambisani nezikaMadala othethelela uNdila√/ kuba umela inyaniso yokuba akungencedi ukugcina uNdila ekukudala enxila emsebenzini. √ (1)

4.2.5 (a) Indenza ndizive ndinomsindo√/ ndidanile. √ (1)

(b) Sesokuba uFuneka ubonakalisa ukungamboneli ntweni uZanele√/ kuba uFuneka uyamdelela akamhloniphi njengomhlobo uZanele. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo ngokomxholo iya kwamkeleka.] (1)

4.2.6 Kukuba uthunywe nguNdila ukuba amncede ngokumsondezela uMawonga. √√ (2)

4.2.7 (a) Ukuba unamava okuloba amadoda awafunayo. √√ (2)

(b) … osicaba. √ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

4.2.8 Yekokuba ayilunganga impindezelo kuba izala enye√√/ akulunganga ukunyolukela izikhundla kuba kukwenza ungcole√√/ isiwo somntu siza ngale nto ayithanda kakhulu√√/ukunganyaniseki kwabahlobo kuyingozi√√/kuyingozi ukungabi namqolo. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 Kukuba ufuna ukuba uThambolenyoka ondle abantwana bakhe.√ (1)

5.1.2 Wamthengela unomyayi.√ (1)
Wamthengela nomoya wokufowuna√/ wamthembisa ngomsebenzi.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (1)

5.1.3 Akuzange kubenjalo kuba uThambolenyoka wabanomsindo bubukho bukaDina wamgxotha okwenja.√√ (2)

5.1.4 Ukuba uNoyongo usisicaka sokulobela uThambolenyoka amaxhoba akhe awaxhaphazayo.√√ (2)

5.1.5 Sesokuba uNoyongo usisikhohlakali esikwafana noThambolenyoka, ukwayinyoka naye.√√ (2)

5.1.6 C√/C oludlelelelayo√/oludlelelelayo. √ (1)

5.1.7 Kungokuba wayesazi ukuba akasenakuze akwazi ukumxhaphaza ngoku kuba selede wakhulelwa nokukhulelwa kwaye ubudlelwane babo buphele kakubi.√ (1)

5.1.8 Ngokuthi uZanoxolo afumanise ukuba uDina unonomyayi asoloko ekuye kwaye nendlela ekumdaka ngayo egumbini lakhe iyakrokrisa√√/ikwanguZanoxolo ofumanise ukuba uDina unezinto azikhalazelayo kumama wakhe.√√ (2)

5.1.9 Kule ngxoxo uDina ungena ngenkani kwaThambolenyoka, akuba egxothwe okwenja nguThambolenyoka, ubanengqumbo enze iinzame zokuba abanjwe uThambolenyoka.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.1.10 (a) Kukubatyisa iziyobisi abaxhaphaze ngokwesondo√/ kukushishina ngabo ngokwesondo.√ (1)

(b) Ngokuthi ooNoyongo baphele sele befana naye ngenkohlakalo besenza oku kungcola nakwabanye abantwana abangamabhinqa. √√ (2)

**[18]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Lixhala likaThambolenyoka ngenxa yokuba ebona intombazana angayaziyo eshishinini lakhe. √√ (2)

5.2.2 Lithetha ukuba aba bafazi bayiphahlile le ntombazana. √√ (2)

5.2.3 Wayengaswelekanga koko wayegqunywe ngeseyile ukuze abantu bacinge ukuba ugetyengiwe. √√ (2)

5.2.4 (a) Kunjalo, kuba ubukhali bengqondo kaDina bubonakele ngokuthi aphakamele ukusindisa ulutsha olungamantombazana oluseza kuxhatshazwa nguThambolenyoka, ngokumbambisa√/ bubonakele ngokuphumelela emagqabini esikolweni ngexa wayesafunda.√ (1)

(b) Kunjalo, kuba ubugorha bukaDina bubonakele ngethuba ajongana ngqo nomenzi wobubi uThambolenyoka engenadyudyu. √ (1)

5.2.5 (a) Indenza ndizive ndinomsindo. √ (1)

(b) Sesokuba uThambolenyoka ubonakalisa ukungababoneli ntweni abasebenzi bakhe abangooNoyongo. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo ngokomxholo iya kwamkeleka.] (1)

5.2.6 Kukuba uzibona engasakhuselekanga kuba engazazi iinjongo zalo 'mntwana' ungaziwayo√√/uxhalele ukuba ubukho balo 'mntwana' bungaphazamisana noshishino lwakhe√√/indlela asoloko enxiba ngayo lo 'mntwana' iyakrokrisa kuba yeyokuzifihla. √√ (2)

5.2.7 (a) Ukuba uThambolenyoka uyabaxakekisa ubenza bangayazi eyona nto amabayenze. √√ (2)

(b) … osicaba. √ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.2.8 Yeyokuba akulunganga ukufuna ubutyebi ngeendlela ezikhawulezayo nezimbi√√/kulungile ukuba wonke umntu abenomqolo wokumela inyaniso ukuze isizwe sisinde kwizenzo zenkohlakalo√√/kuyinkohlakalo ukusebenzisa abantu ababhinqileyo ngendlela enyhasha isidima sabo√√/yeyokuba akulunganga ukuthemba umntu ungamazi. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no-EZ Guqa

6.1 **ISICATSHULWA K: 'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – LL Ngewu no-EZ Guqa**

6.1.1 Kungokuba utata wabo wasweleka besebancinci kakhulu. √ (1)

6.1.2 Kwaye kwanyanzeleka ukuba uQolwana asiyeke isikolo kwibanga lesine aye kufuna umsebenzi ukuze ancedise unina. √ (1)
Kwaye kwanyanzeleka ukuba avumele uNokwanda owayeneminyaka eli-15 kuphela ukuba athathwe lisoka ende. √ (1)

6.1.3 Kunjalo, kuba akazange awaxelele amadoda amaNdlambe ukuze aye kulotyolelwa njengoko lisitsho isiko, wasuka wazithethela nonina womfazi eThekwini kwagqitywa. √√ (2)

6.1.4 Ukuba uMavumisa wayemamkele ngobubele umolokazana wakhe embona njengentombi yakhe. √√ (2)

6.1.5 Kungokuba la madoda ayengazithathi njengokuba angabantu bekhaya ayezithatha njengabantu abamenyelwe itheko√√/ ayenga eze ethekweni ngokumenywa, hayi kumcimbi wekhaya√√/kungokuba ayengenanxaxheba ayithathayo njengamadoda ekhaya, ayehleli njengeendwendwe. √√ (2)

6.1.6 A√/A oluchukumisayo √/oluchukumisayo. √ (1)

6.1.7 Kukuba uMavumisa wayethanda ukuya embarheni abuye esele utywala, angxole√/uNozukile wayengahloniphi kwaye enganxibi njengomfazi kunjalo nje engafuni kuxelelwa. √ (1)

6.1.8 Ngokuthi uQolwana abone iimpazamo zakhe, atsho abuyele kumadoda akwaNdlambe aye kuzithoba aqonde ukubaluleka kokwenza izinto ngokwesiko, kuvanwe imeko ibuyele kwisiqhelo.√√ (2)

6.1.9 Ngokuthi akuzithathela umfazi uQolwana ewakhuphele ngaphandle amadoda akwaNdlambe afike umfazi wakhe aziphathe kakubi amxake ade abuyele kwakula madoda ebengawakhathalelanga ekuqaleni, efuna uncedo lwawo. √√ (2)

6.1.10 (a) Uye wathethathethana nonina wentombi eyedwa engabaxelelanga ooyisekazi (amawabo). √ (1)

(b) Ngokuthi amadoda akwaNdlambe amkhalale angamncedi akubanengxaki emtshatweni wakhe esithi makazibonele. √√ (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

6.2 **ISICATSHULWA L: 'ITUTU LASETIKITIKI' – LL Ngewu**

6.2.1 Kukuba uMdesalini wayeze kucelela uThobile uxolo kutitshala uXakanisekile√√/ kukuba kukaThobile isipaji sikatitshala uXakanisekile. √√ (2)

6.2.2 Ukuba wayengazi nto√√/ wayengenalwazi kwaphela. √√ (2)

6.2.3 Wayengaqali kuba nakuTikitiki wayeyekuxoxisana notitshalakazi owayemfundisa kwibanga lesithathu. √√ (2)

6.2.4 (a) Kunjalo, kuba ubukhali bengqondo kaThobile bubonakele kwangelaa xesha wayemana ukufundisa abantwana beklasi yakhe qho akungabikho utitshalakazi obafundisayo. √ (1)

(b) Kunjalo, kuba ubugorha bukaThobile bubonakele ngokuthi awenze ngokugqibeleleyo umsebenzi wokundwendwela abantu abagulayo ebakhuthaza emva kokuba ephume kwisibhedlele sabagula ngengqondo. √ (1)

6.2.5 (a) Indenza ndizive ndinexhala. √ (1)

(b) Sesokuba utitshala noyise kaThobile bangasuka balwe. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo ngokomxholo iya kwamkeleka.] (1)

6.2.6 Kungokuba abazali bakhe babeseNew Zealand ngethuba lokuzalwa kwakhe√√/utata wakhe wayephangela khona ngoko ke wazalelwa khona uThobile. √√ (2)

6.2.7 (a) Ukulungisa isimo somntwana esigwenxa√√/ukululeka umntwana. √√ (2)

(b) … ongqukuva. √ (1)

6.2.8 Yeyokuba akulunganga ukuqala ngokumgweba umntu ungamazi unobangela wezenzo zakhe√√/kubalulekile ukuba umzali amnonelele, angamncami umntwana wakhe. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO D: ISIHOBE**

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

7.1 **'IYUNIVESITHI YASEFORT HARE' – S Maputi**

7.1.1 Ukuba le yunivesithi yeyaseDikeni√/ukuba iDike yindawo ekuyo le yunivesithi.√ (1)

7.1.2 Yiyunivesithi yaseFort Hare nesikhondo.√ (1)

7.1.3 Ukuba iyunivesithi yaseFort Hare ityebile lulwazi olufunwa ngabo baya kufunda kuyo.√√ (2)

7.1.4 Ukuba abantu bamanye amazwe bafikela kule yunivesithi ibamkele.√√ (2)

7.1.5 Kukudala inkanuko nolangazelelo lokuxhamla kuncuthu lolwazi olufumaneka kule yunivesithi√√/kukwenzela ukuba umntu arhalele ukuzibona exhamla kule yunivesithi. √√ (2)

7.1.6 Ngowomntu omfimfitha into ngokuyonwabela eyinambitha.√√ (2)

7.1.7 Kukugxininisa okuthethwa sisenzi 'umi'√√/kukugxininisa ukuba isenzo sale yunivesithi sokubethelela imfundo asiphazanyiswa nto.√√ (2)

7.1.8 Kukuzidla ngobunkokeli,√ kukukhalima impambano,ubhanxo nembudo,√ kukunwenwisa uluchwe lwemfundo ekhaya.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.1.9 C√/C intsingiselo efihlakeleyo√/intsingiselo efihlakeleyo.√ (1)

7.1.10 (a) Kukubethelela okuthethwayo ngale yunivesithi√/kukutyhila umxholo walo mbongo√/kukudala isingqisho.√ (1)

(b) Kukuba yile yunivesithi eyenze ukuba iDike libaluleke nasezizweni√√/ilixhadi ekuxhathiswe ngalo liDike lonke√√/ iluncedo nakwamanye amazwe ngokukhanyisa nokuxonkxa iinkokeli zawo.√√ (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.2 **'INDODA YOKWENENE" – -KN Manciya**

7.2.1 Kukuba indoda yokwenene iwenza ngokwayo umsebenzi wokundilisa umzi wayo, luxanduva ezenzela ngokwayo olu. √√ (2)

7.2.2 Yimvano-siphelo. √ (1)

7.2.3 Kuthiwa indila umzi wayo√/ithanda isizwe sayo√/ihlonipha isiqu sayo. √
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.2.4 Yeyomntu owenza into ngokugqithisileyo nangokungaphaya kobekulindelekile. √√ (2)

7.2.5 Kukuqaqambisa ukuba indoda yokwenene iqala kwisiqu sayo nakwizinto zayo ukwenza okulungileyo phambi kokuba yenze kakuhle kwabanye abantu. √√ (2)

7.2.6 Indoda yokwenene yekwaziyo ukumelana neemeko ezinzima zezwe layo. √√ (2)

7.2.7 Kukudala ubungoma embongweni√/kukudala isigqisho√/kukudala undindwano√
[Nayiphi enye kwezi.] (1)

7.2.8 Ingcathu. √ (1)

7.2.9 (a) Imiqolo esibhozo yokuqala ithetha ngeempawu zendoda yokwenene. √ (1)

(b) Imiqolo emithandathu yokugqibela ithetha ngezenzo zendoda yokwenene. √ (1)

7.2.10 Zivezwe ngempumelelo kuba iimpawu ezikhankanyiweyo zibonakalisa ukuba ngenene indoda enazo iyawakha umzi nesizwe sayo. √√

**OKANYE**

Azivezwanga ngempumelelo kuba zikho ezingakhankanywanga, njengokumamela isebenzisane nosapho lwayo lulonke. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**